bi bulungula incubator

I Bulungula Incubator yinkampani ephuhlisa ilali eyaqalwa ngo 2007. Senza isicwangciso sophuhliso kweZemfundo, eZempilo, neZophuhliso Lwentlalo yoluntu nokufikeleleka kwinkonzo ezingundoqo. Zonke iprojekti zethu zakhiwe zabaluleka ngokudibana nabahlali ngenkokheli zemveli kunye nenkokheli ezivotelweyo.

Umbono we bulungula Incubator kukwenza utshintsho kwilali ezisemaphandleni zihlale zisemandleni kwaye ziqhubeke zizinzile.

Injongo yethu kuzalisekisa umbono wethu ngokuthi sibenobudlelwane nelali, no Rhulumente,imibutho ezimeleyo engekho phantsi ko Rhulumente kunye nabo bonke abantu abazingcali nengcaphephe zokucinga ngentsebenziswano nophuhliso. Injongo yethu kukuphembelela utshintsho ngokwandisa inabise umbono wayo gabalala isebenzisa umgaqo-nkqubokaRhulumente.

INKCAZA EMFUTSHANE NGALENDAWO:
I Bulungula yinxalenye yelali yaseNqileni kwingingqi yase Xhora Mouth elunxwemeni lweMpuma Koloni. Kwisithili saseMathole kumasipala wase Mbashe.

Umyalezo ovela kung-qongqoshe

Unyaka ophelileyo ibingunyaka oluqilima futhi owokuqala izinto ezintsha apha e BulungulaIncubator (BI). Uqilima lwenkqubo yethu yokuphuhlisa umntwana ngoku lugqibe umjikelo ngokukhathalela umntwana engekazalwa ade afunde nangaphezulu. Kungoko inkqubo yethu yokuphuhlisa umntwana ongekafundi ukusuka kongekabinanyaka ukuya kwiminyaka emithathu iyeyona mpumelelo yethu iphambili. Umjikelo wenkathalo ngoku uqinisiwe ukunikezela ngezidingo zempilo nezemfundo ezidingekayo kuzo zonke izigaba zokukhula. Ukunikezelwa kwenkonzo ezingundoqo nguRhulumente kuyaqala ukufika kancinci kulengingqi, besisoloko sinikela ngezixhobo ukwenzela ukuphuhlisa icandelo lethu lezemfundo, lezempilo, nelophuhliso lwentlalo yoluntu. Njengoba sijonge ubungakanani bongenelelo lwethu apha ekuhlaleni, abantu abaninzi balapha kulengingqi bayaxhamla kwinkonzo zethu kumacandelo ophuhliso ohlukeneyo iBl ngoku ingabala ngaphezu kwama 100 000 kubahlali abayi 6000 abaxhamlileyo kuleminyaka oko senza uphuhliso apha kulengingqi.

Ngaphandle kokuqinisa ezi nkqubo sezikhona, sinovuyo ngeprojekti yethu yobuchwephesha ezisa imfundo esemgangathweni. Le projekti iqale ngokugxila kwizibalo kodwa izakuphumela ekufundiseni ukukwazi ukufunda nokuthetha nakwezinye izifundo. Inkqubo yezibalo efumaneka kwi intanethi yokuncedisa ukufunda esikhethe ukuqala ngayo ibizwa ngokuba yi Mathsbuddy. Amandla alenkqubo akumanani omntwana ngamnye athi awanikwe ukwenzela kukwazeke ukulandelela inkqubela yomntwana ngamnye. Le nkqubo kulula kakhulu ukuyiqalisa, yaye sikonwabele ukukhula kwayo. Eyona miceli mingeni isoloko ikuqala, ukuba sempelazwe njengathi, eminye yemiceli mngeni bekumele simelane nokukonekhtha i intanethi kunye nombane wesola. Kodwa kwakhona ukumelana nemiceli mingeni emikhulu yiyonanto siyenzayo eBI.

bulungula incubator

Umyalezo ovela kwisigqeba

Kuleminyaka idlulileyo songeze ezinye iiprojekthi ezintsha nezinika umdla. Sasigqibe ngoba u nyaka ka2015 izakuba ngunyaka wokumanyana xa sasigxile ekwenzeni eziprojekthi zibe yimpumelelo.Iprojekthi yethu yeZempilo ikhule ngokukodwa kuleminyaka idlulileyo kuyasonwabisa ukubona uba ngo 2015 ihambe indlela ende ekunikeni inkonzo ezahlukeneyo kuzo zone ezilali zethu. Umanyana kwethu namanye amasebe nezibhedlela ezikufutshane kubekuhle kakhulu

Iqela lethu le BI elinobuchule alinakuhlala nemibono emidala, kungoko kubekho iprojekthi ezintsha ezongeziweyo! ISakh'ingomso Playgroups, iziko lethu labantwana abangekafundi eliqinisekisa uba abantwana bethu bayaphuhliswa besebancinci lamnkelwe ngezandla ezishushu ngabazali.

Sikholelwa kakhulu ekubeni siziphuhlisele eyethu italente kungoko sikonwabele kakhulu ukubona abanye babasebenzi bethu abasuka apha ekuhlaleni bephuhla kumsebenzi wabo bekwazi nokumelana noxanduva lomsebenzi wabo.Sikhulisa iqela elizithembileyo kweyona ndawo isemaphandleni eMzantsi Afrika.

Nangona inkonzo zikaRhulumente zisiza kulengingqi, ayithandeki into yokuba inkonzo ezibalulekileyo ezinje ngamanzi kampompi singenakuthembela kuzo ngoba ziyoma zingaphumi manzi ixesha elide. Kufana noba isola zikaRhulumente ezazifakelwa abahlali azisebenzi ngenxa yamabetri anengxaki. Siyayibulela into yokuba uMasipala egxile ngamandla ekuphuhliseni amaphandle kodwa sinethemba loba umngangatho uzakuwuphucula ukuqinisekisa uba indawo zethu azifumani nkonzo ezikumgangatho ophantsi.

Kulonyaka siyitshintshile indlela esibhala ngayo ingxelo yethu yonyaka. Le ngxelo izakufumaneka kumalwimi esingesi nesixhosa kwaye sinethemba loba lonto izawukwenza umsebenzi wethu ubonakale kwaye ucace kulendawo sisebenza kuyo nendawo ezisingqongileyo.

Konke esikwenzayo kuxhomekeke ekubambisaneni kwethu okuluqilima nabahlali, uRhulumente namanye amasebe angafumani nkxaso kuRhulumente, abaxhasi bethu ngezimali neqela labahlobo beBI basekuhlaleni nabavela ngaphandle abasoloko besixhasa ngeembono ezintsha nabasoloko bekulungele ukunceda xa sidinga uncedo. Siyabulela ngenkxaso sinethemba loba ukonwabele ukufunda ingxelo yethu yomnyaka ka 2015.

BULUNGULA INCUBATOR AMALUNGA ESIGQEBA:
Donna Andrews,
Sonja Giese,
Lance Greyling,
Vuyolwethu Jaxa-Gwebindlala,
David Martin,
Loyiso Mpuntsha,
Lindile Mthiyo,
Crystal Orderson,
Laura Poswell,
Lindiwe Tukane
Rejane Woodroffe

Vuyolwethu Jaxa
USIHLALO WESIGQEBA

bulungula incubator

Singobani

Yintoni eyenza ibulungula

Injongo ye Bulungula Incubator (BI) kukujongana nengxaki zendlala kulengingqi yethu ibe kananjalo iphuhlisa, igcina nemiphumela emihle yenkcubeko yomntu ontsundu. Le ndawo ikwindawo eyayibizwa ngokuba yiTranskei ngexesha localucalulo. Uphuhliso ezilalini lwalungekho. Luncinci utshintsho emva kwenkululeko nanamhlanje inkonzo zikarhulumente ezinje ngendlela, amanzi acocekileyo nezempilo azikho kwilali ezininzi.Imfundo esemgangathweni isenkenenkene. Iinkonzo zophuhliso zihamba kancinane ukufikelela kule ngingqi sikuyo iBI iqulunqe iprojekthi ngokweZemfundo, Ezempilo, namashishini amancinane. Indawo esisebenza kuyo yeyona ihlelelekileyo kweli lase Mzantsi Afrika. Ngokwamanani kaRhulumente i 93.7% yalendawo sihlalakuyo isebenzisa inkuni xa ipheka naxa izifudumeza, 82.4% ikha amanzi emilanjeni nasemithonjeni.45.4% abanazindlu zangasese konkekonke (akukho nale yombelwa umngxuma)

Ngokuba iingxaki zophuhliso esijongene nazo kulengingqi zixananazile sakha iprojekthi sijonge ungenelelo olumbaxa kulengingqi umzekelo xa ukubhubha kwabantwana kwakuphezulu ngenxa yokunqongophala kwamanzi acocekileyo, umphumela wongenelelo kwezemfundo wona ubuzawuba yintoni? Okanye abahlali bebengakwazi ukufikelela kwizithinteli ngculaza okanye indlela zokuyilawula abazali bebezawukwazi njani ukubaxhasa nokubakhulisa abantwana babo.

Ngokwengxelo yophando lwabakwa StatsSa lwango 2011, uMasipala waseMbhashe unabantu abayi 254,909 nabehle ngo **0.35%** ukusuka ngo 2001, ixesha apho abahlali baseMzantsi Afrika benyuke ngo **15%.**

Sizama ngako konke ukusesebenzisana norhulumente nezinye inkampani.Oku kuqinisekisa ukomelela kweeprojekthi esizenzayo.

Utshintsho olukhulu lomsebenzi wethu luphuhla ngokusebenzisana nezinye inkampani kunye namasebe karhulumente. Ngesi sicwangciso sisebenzise izifundo esizifundileyo kunye namava esiwafumeneyo kumsebenzi wethu ukwenzela sibenegalelo engingqini naselizweni ngokubanzi. Imizekelo ecacileyo iquka: igalelo lethu ekwakheni isibonelelo sokhuphuhlisa umntwana esemncinane selizwe. Inzame esizenzileyo ukuzama inkonzo zikaxakeka ezilalini nemiphumela yazo emihle. Ukuvavanya ubuchwepheshe obububo nobuzawusebenza ukuhlumisa umgangatho wokufundiswa kwezibalo nelwimi ngakumbi kwindawo apho kungekho mbane naqhakamshelwano lweintanethi. Ezi zezinye zempumelelo yomsebenzi wethu esiwenzileyo kwilizwe jikelele.

bulungula incubator

Ezemfundo

Imfundo sesona sicwangciso se BI singundoqo ekuphuhliseni amaphandle. Ulungiso lwesikolo sabanga aphantsi iNO-ofisi yaba yiprojekthi eyabangela ukusekwa kwe BI ngo 2007. Ngeloxesha iNo-ofisi yayisisikolo sikaRhulumente esasisendlini ewayo. Apho kwakungekho nokuncinci ufundiswa kwabantwana okwakuqhubeka. Kwakungekho nto eyayisenziwa ngabahlali ukulungisa lemeko.

Amathemba kubahlali ngesikolo sabo ayemancinci ngenxa yento ebisoloko isenzeka kulelali. IBI yaqala isicwangciso sokuqala I Jujurha Education Centre (JEC) phakathi ngo 2009 ukwenzela ukubonisa imfundo esemgangathweni.

Nangona ebebonakala amaziko okukhathalela abantwana kwezinye ilali kulengingqi yethu, ebengekho amaziko anikeza ngemfundo yokuphuhlisa umntwana esemncinci. Intsuku zokuqala zobom zinegalelo elikhulu ekuphuhliseni ingqondo nokusebenza kwayo ebudeni bobom. Ukubaluleka kokungenelela kwangoko ebomini babantwana bonke abuthetheki. Ngaphezulu izinto ezixhamlwayo ziyanda kubantwana abahlala kulendawo sisebenza kuyo apho abazali bengafundanga kwindawo apho kungekho zincwadi nazinto zodlala ezifundisayo.IJujurha ivala lomsantsa ngendlela efundisa ngayo ukuphuhla komntwana esemncinci ijonge ukukhulisa umzimba, indlela ahleli ngayo umntwana, indlela aziva ngayo kunye nokukhula kwengqondo. Ngo 2011 emva kweminyaka emibini iqalile I JEC ukunikezela imfundo esemngangathweni abahlali bezilali sizingqongileyo baqala ukufunela abababo abantwana ezinkonzo. Banikela ngeziza, izindlu logama uBI ezama imali yokuqeqesha otitshala, ikomiti kunye nezixhobo zosebenza. Ezinzame zixhaswe zizibonelelo zikarhulumente.

Ukusukela ngoko, umsebenzi wezemfundo zaseBI wandile waquka imfundo yabantwana abangekezi esikolweni abaqala kumntwana ongekabinanyaka ukuya kwiminyaka emithathu,uqeqesho lotitshala, uqeqesho ngokulawula lwekomiti zeprojekthi zasekuhlaleni, uqeqesho lwabazali ngezihloko ezinje ngoba "ungutishala wokuqala womntwana wakho", uqeqesho lwezakhono ezilalini,uphuhliso lonomakhaya kunye nezakhono zobunompilo, amathuba emfundo yabantu abadala, ukuncedisa abantwana bezinye izikolo emva kwemini.

Esona sixhobo sibalulekileyo sokuphucula ukunikezela imfundo esemgangathweni kulendawo kukukhula kokufumaneka kwenkqubo zokufundisa nokufunda kwi intanethi. Ngoncedo lwezinkqubo abafundi bethu benza umahluko omkhulu kwinqubela yemfundo yabo. Ezi nkqubo zezona zilula kakhulu ukungenelela ngazo kweli candelo, zilula kuluhlu oluhlukeneyo lwezemfundo kunye nenani labafundi abanakho ukuzisebenzisa ezizixhobo zokuncedisa ukufunda. Eyona ndawo ingumceli mngeni kweziprojekthi kukungabikho kombane noqhakamshelwano lweintanethi kule ngingqi. Sidibanise ulwazi oluninzi namava ngexesha sisokola yilemiceli mngeni.

Ukulwa kwabahlali belwela imfundo kukhule ngokubonakalayo oko saqala ukusebenza kule ndawo.

bulungula incubator

Ezempilo

Kuba ukukhathalela ezempilo nokutya ngendlela kunegalelo elikhulu kwimiphumela yemfundo esemgangathweni, ezemfundo nezempilo kuqale ukusebenza ngokubambisana ukugqiba umjikelo wenkathalo ukusuka kumtwana ongekazalwa ukuya kwiminyaka yokuhamba isikolo nasebudaleni.

Ukufumaneka kwenkonzo zempilo elalini:

1. Impilo kumntu okhulelweyo- Amaziko okuhlola intsholongwane kagawulayo nokunika intuthuzelo afumaneka apha elalini nyanga nenyanga, ukuxhotyiswa ngolwazi ngezempilo kunye nenkathalo emakhaya.
2. Amazikwana ezempilo asekuhlaleni- Ukunikezelwa kwezithomalalisi-ntsholongwane, ukunikezelwa kwentuthuzelo nenkonzo ezingundoqo zasekliniki.
3. Imfundiso ngendlela yokutya kunye nempilo emakhaya ukulawula ukukhula nezigulo ezibangelwa kunqongophala kokutya okukuko kubantwana abangenanyaka ukuya kwiminyaka emithathu.
4. Ukuphuhliswa komntwana ekhaya- Ibhokisi zento zodlala noqeqesho lwabazali ekuphuhleni lwengqondo zabantwana abangenanyaka ukuya kwiminyaka emithathu.
5. Iziko lokufundisa abantwana abangekaqali esikolweni, isondlo ne Kliniki emane ifika yabantwana aba ngenanyaka ukuya kwabaminyaka emine.
6. Ikliniki ehambela abantwana abakumabanga aphantsi ezikolweni, ukugonywa, banikwe izakhamzimba, amayeza eentshulube kunye nezinye iinkonzo zekliniki.
7. iKliniki efika rhoqo ngenyanga ekudibene amasebe angekho phantsi korhulumente, iKliniki nesibhedlele esikufutshane. Inkonzo ezinikwayo zibandakanya izithomalalisi ngculaza, iswekile, ucinzelelo legazi, uhlolo lomhlaza wesibeleko, unyango lwamazinyo, unyango lwabantwana abancinci, ucwangciso lwenzala kunye namayeza ezigulo ezinganyangekiyo.

Ukukhula komntwana kuxhomekeke kubume bukamama ngexesha ekhulelwe. Ngokuba intsuku zokuqala eziyi 1000 zobomi zinempembelelo kwindlela umntu akhula ngayo ubom bakhe bonke. ezemfundo kunye nezempilo ziqale ukusebenza kunye ukuphucula imiphumela yenzame zethu kwinqanaba lethu lophuhliso lwabantwana abancinane. Ukufikela ngoku sinoNomakhaya abangamashumi amabini abenza unakekelo kwimizi engamakhulu amane kwilali ezine kule ngingqi.Aba Nomakhaya baxhasa omama abakhulelweyo ngemifuno evela kwigadi zasekuhlaleni, bathi babaxhobise nangolwazi ngonakekelo lwempilo xa ukhulelwe kwaye oNomakhaya baqeqeshelwe nokukwazi ukujonga impilo yabantu efuna ukugqithiselwa eklinik.

Akukho kliniki nakwenye ilali kwezi sizebenza ngazo. Ngoncedo lwabahlali siye saqulunqa uba kubekho izikwana lezempilo apho kwenziwa khona uncedo lokuqala ngokubambisana nesebe lezempilo namanye amasebe angekho phantsi koRhulumente. Inkonzo zempilo ezifika nyangananyanga kweli zikwana lempilo ngamayeza aquka izithomalalisi ntsholongwane, iswekile, ucinzelelo legazi, amayeza ezigulo ezinganyangekiyo, Ucwangciso nzala, Unyango mazinyo, Uhlolo lomhlaza wesibeleko, Oothintela, Amayeza entshulube kunye nonyango lwabantwana abancinci.

Sizakuqhubeka sisandisa isiseko solwazi noqeqesho lonomakhaya bethu kunye nentsebenziswano nezinye inkampani nesebe lezempilo ekungeneleleni sinikeza uncedo olungamandla.

bulungula incubator

Uphuliso Oluzinzileyo

Uphuliso Oluzinzileyo

Xa sasiqala ukusebenza kulengingqi phantse wonke umntu wayengasebenzi. Umntu walapha owayefumene ingqesho wayemnka ayokusebenza ezidolophini. Kwakungekho nzame zokwenza imali ezinje ngokuthengisa imifuno okanye nantoni na enokuthengiswa. Ngenxa yokungabikho kwendlela ukuyothengisa ngaphandle kwakunzima.

IBI iqale iprojekthi zamashishini amancinane namathuba okulima okuzenzela imali.imiphumela yenzame zethu yayimincinci ngenxa yoba eyona mali yomrholo yayikhona apha elalini yayivela kwizibonelelo zikarhulumente kwathi kusakuvulwa iBulungula Lodge ngo2004 yaqala ukukhula, imali apha elalini yanda kancinci kancinci. Oku kukhulile ngokuhamba kwexesha nanjengoko ingqesho eBulungula Incubator yandile. Nangona imfundo esemgangathweni kulengingqi ibisolok ingumceli mngeni, ukufuya inkomo nokulima umbona nemifuno yeyona ndlela yokuphila. Lolulwazi lwendalo nendlela yokuphila esifuna ukulugcina sakhe phezu kwalo ukuphucula indlela yokuphila, nezidlo sinikeze amathuba okungenisa imali nokuzenzela ubutyebi. Le ngingqi inobutyebi bomhlaba wokulima namanzi. Ezi zinto zibalulekileyo ezininzi kuzo azingajongelwanga ntweni zingasetyenziswa ukwenzela uxhamla abanikazi bazo okanye abahlali bonke. Ngaphandle koba umntu ahambe ayokhangela ingqesho kwezinye indawo, le ngingqi ingayeyona ndawo yophuhliso nokudala imisebenzi.

Inkqubo ka CWP exhaswa ngurhulumente inika inxaso ekuphuhliseni amashishini amancinane. Le nkqubo inikeza umrholo wentsuku ezisibhozo enyangeni. iBI yaqala ukuthatha inxaxheba kulenkqubo ngo2010. Incede sakwazi ukuqeqesha siqeshe abantu basekuhlaleni kuzo zonke inkqubo zethu ezibandakanya oTitshala, OoNomakhaya, OoNogada, Abasebenzi basegadini,ukulungisa indlela nezikolo nokuzigcina sizemgangathweni, Ukubiya, Ukulondoloza indalo kunye nokususa izityalo ezingafunekiyo. Le nkqubo kaCWP isixhase kakhulu ekuphuhliseni iziko lasekuhlaleni lokufundisa izakhono. Iziko lezakhono lasezilalini ligxile ekuphuhliseni ukukwazi kwabathathi nxaxheba ukusombulula ingxaki zemihla ngemihla ezibangela ukusokola ekuhlaleni ezinje ngokufaka balungise igatharinzi ukwenzela ukugcina amanzi emvula. Ukutyabeka izindlu zodaka zingachatshazelwa zimvula zehlobo kwezinye izakhono zokuphucula ubomi. Esi sakhiwo sikhuliswe sayindawo apho kwenzelwa khona uqeqesho kunye nendawo yokunika ulwazi lwabasebenzi bethu, uqeqesho lwabahlali kunye nalapho kubanjelwa khona intlanganiso.

bi
bulungula
incubator

Annual Financial Statements
for the year ended 31st December 2015

INCOME STATEMENT FOR THE YEAR ENDED DECEMBER 2015	**2015**	**2014**
	R	**R**
INCOME	3,688,089	4,401,612
Project Grants/Donations Received	3,508,298	3,627,328
Project Generated Income/Fees Received	114,595	730,649
Interest Received	65,196	43,635
EXPENDITURE	3,589,615	3,572,010
Auditing and Bookkeeping Services	71,666	57,025
Capital Expenses – Buildings, Boreholes, Watertanks	46,983	17,791
Contractors Fees + Local Procurement	716,992	636,412
Depreciation	57,007	57,006
Motor Vehicle Expenses	85,408	66,066
Project Materials and Provisions	566,766	958,769
Rent, Telephone and Internet	228,826	239,104
Salaries, Wages, Stipends and Training	1,522,080	1,186,120
Travel, Accommodation and Board Meetings	262,989	320,612
Bank Charges and Interest Paid	30,898	33,105
SURPLUS (DEFICIT) BEFORE TAXATION	98,474	829,602
TAXATION	(152,457)	147,082
SURPLUS (DEFICIT) FOR THE YEAR	250,931	682,520
ACCUMULATED FUNDS AT BEGIN OF YEAR	-	(113,694)
TRANSFER TO SUSTAINABILITY FUND	(250,931)	(568,826)
BALANCE SHEET AS AT 31 DECEMBER 2015	**2015**	**2014**
ASSETS		
NON-CURRENT ASSETS (Equipment and vehicle)	18,883	75,890
CURRENT ASSETS	1,995,516	1,880,361
Cash and Cash Equivalents	1,239,046	1,299,868
Trade Receivables	756,470	580,493
	2,014,399	1,956,251
RESERVES AND LIABILITIES		
FUNDS	1,322,979	1,072,048
Accumulated Fund	-	-
Sustainability Fund	1,322,979	1,072,048
NON CURRENT LIABILITIES	25,716	83,231
CURRENT LIABILITIES	665,704	800,972
Current Portion of Non Current Liability	57,514	52,082
Provision for Taxation	-	152,457
Receipts in Advance	595,833	589,712
Trade Payables	12,357	6,721
	2,014,399	**1,956,251**

bulungula incubator

lindlela zokuxhasa bulungula incubator

1 Ngemali okanye ngesisa
Nikela usebenzisa icredit card okanye idebit order nge website yethu engu www.bulungulaincubator.org

2 Ukuthumela imali usebenzisa iBanki:
Igama lomnikazi we akhawunti:
Bulungula Incubator
Igama leBhanki: Standard Bank
Inombolo ye akhawunti: 07 066 1480
Igama lesebe: Thibault Square
Inombolo yesebe: 2089
Uhlobo lwe akhawunti: Current
Idilesi yeswift onokuyisebenzisa xa uphesheya:
SBZAZAJJ
Inombolo ye IBT: 909

3 Shiya ilifa elingasoze lilibaleke usayine incwadi yamafa efumaneka kwi website yethu nakwi dilesi ye email ebhalwe apha ngezantsi.

4 Senze sibengabaxhamli kwi khadi lakho le Woolworths My School.

5 IBulungula Incubator lisebe elivunyiweyo nelisemthethweni elinceda abahlali.

IDILESI YENDAWO
Ikwilali yaseNqileni, kwingingqi yaseXhora Mouth, kwisithili saseXhora.
IDILESI YEPOSI:
P.O. Box 43, Mqanduli, 5080

INOMBOLO YOMNXEBA: 047 5778908,
INOMBOLO YEFEKSI: 086 527 8277
EMAIL: rejane@bulungulaincubator.org

WWW.BULUNGULA.ORG